# INCWADANA YEPAIA

## Ilungiswe ngokwecandelo 14 loMthetho woKhuthazo loFikelelo kuLwazi, 2000 (uMthetho 2 ka2000)

## (njengoko ulungisiwe)

UMHLA WOQULUNQO: 29/4/2019

UMHLA WOHLAZIYO: 13/11/2025

**ULUHLU LWEZIQULATHO**

A. ULUHLU LWAMAGAMA AFINYEZWE NGOONOBUMBA ABAKHULU NEZIFINYEZI....................4
B. INJONGO YENCWADANA YEPAIA............................................................................... 4
C. UKUSEKWA KWEWCPP.........................................................................................…..4
D. ISISEKO SEWCPP...................................................................................................... 4
E. IINKCUKACHA ZONXIBELELWANO EZINGUNDOQO KUFIKELELO KULWAZI............................ 5
F. AMACHIZA AFUMANEKAYO NGOKUNGATHOBELI..................................................................6
G. SIKHOKELO NGENDLELA YOKUSEBENZISA IPAIA NENDLELA YOKUFIKELELA KWISIKHOKELO..6
H. INDLELA YOKUFIKELELA KWIIREKHODI EZIPHETHWE YIWCPP............................................... 7
I. IZINTLU ZEEREKHODI EZIPHETHWE YIWCPP........................................................................... 8
J. INKCAZA YEEREKHODI EZIFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO................................................9
K. IINKONZO EZIFUMANEKA KULUNTU EZIPHUMA EWCPP NENDLELA YOKUFIKELELA KWEZO NKONZO..........................................................................................................................10
L. INTATHONXAXHEBA YOLUNTU.............................................................................................11
M. UKUSETYENZWA KOLWAZI LWESIQU SOMNTU......................................................................11
N. UKUFUMANEKA KWENCWADANA...........................................................................................13
O. IIREKHODI EZINGENAKHO UKUFUMANEKA OKANYE EZINGEKHOYO....................................13

## A. ULUHLU LWAMAGAMA AFINYEZWE NGOONOBUMBA ABAKHULU NEZIFINYEZI

| | |
|---|---|
| DIO | ISekela leGosa loLwazi |
| FMPPLA | UMthetho woLawulo lweziMali wePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo |
| HR | ICandelo lezaBasebenzi |
| IO | IGosa loLwazi |
| PAIA | UMthetho woKhuthazo loFikelelo kuLwazi |
| UMmiseli | UMmiseli woLwazi |
| WCPP | IPalamente yePhondo leNtshona Koloni |

## B. INJONGO YENCWADANA YEPAIA

Le ncwadana yePAIA iluncedo kuluntu ukwenza oku:

- Ukuchonga iirekhodi esele zifikeleleka eWCPP ngaphandle kwezicelo ezisesikweni zePAIA.
- Ukuqonda indlela yokucela ufikelelo kwiirekhodi zeWCPP.
- Ukuzuza iinkcukacha zonxibelelwano ukufumana uncedo ngofikelelo lweerekhodi.
- Ukufikelela nokuqonda iSikhokelo esihlaziyiweyo sePAIA kunye nendlela yokusifumana.

## C. UKUSEKWA KWEWCPP

- IWCPP yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni.
- NgokoMgaqo-siseko, i-WCPP igunyaziswe ngokomgaqo-siseko ukuba iphumeze uwiso-mthetho, ibonelele ngeqonga lengxoxo-mpikiswano yoluntu, ibandakanye uluntu kwinkqubo yokwenza umthetho kwaye yongamele imisebenzi yesigqeba sephondo.
- IWCPP liqumrhu likarhulumente ngokwemigaqo yecandelo 1 lePAIA.

## D. ISISEKO SEWCPP

**Amalungu**

- IWCPP yenye yeziNdlu zoWiso-mthetho ezilithoba eMzantsi Afrika.
- AMalungu eNdlu yoWiso-mthetho onyulwa kulonyulo jikelele iminyaka emihlanu.
- AMalungu eNdlu yoWiso-mthetho anoxanduva lokumela abantu bephondo, lokwenza imithetho yephondo kwanokuba nololongamelo lwesigqeba sephondo.

**Iikomiti**

- IiKomiti zidlala indima ebalulekileyo kwinkqubo yowiso-mthetho neyolongamelo.

- IMithetho eSisigxina yeWCPP iseka iikomiti ezisigxina.
- Ukufumana ulwazi oluthe vetshe ngeekomiti zeWCPP jonga kwi-www.wcpp.gov.za → Home→ Committees.

**Ulawulo**

- Ulawulo lweWCPP lukhonza amalungu, iikomiti kwaneziko ngokubonelela ngenkxaso, lufaka urhulumento lobulunga, kwaye luxhobisa amalungu nesitafu ukuba basebenze ngaphandle ngokufanelekileyo.
- Ulawulo luququzelela isigunyaziso somgaqo-siseko solwenziwo lomthetho, intathonxaxheba yoluntu nolongamelo.
- Ukufumana ulwazi oluthe vetshe ngesiseko solawulo lweWCPP jonga kwi-www.wcpp.gov.za → Administration → Organisational Structure.

**USomlomo**

- USomlomo ligosa eliyintloko yezopolitiko, isithethi seNdlu, uchophela ukuhlala kweNdlu, kwaye umele amalungu.
- USomlomo uncediswa nguSekela Somlomo.

**UNobhala**

- UNobhala ngumcebisi oyintloko kuSomlomo namalungu kwimiba yezolawulo nemigaqo.
- UNobhala unoxanduva lolawulo gabalala lweWCPP kwaye ligosa elinika inkcaza lolawulo ngokwemigaqo yeFMPPLA.

## E. IINKCUKACHA ZONXIBELELWANO EZINGUNDOQO KUFIKELELO KULWAZI

I-IO:

IGama: Nksz Ressida Begg (uNobhala)

Umnxeba: 021 487 1701

I-imeyile: ressida.begg@wcpp.gov.za

I-DIO:

IGama: Adv André le Roux (uMcebisi wezoMthetho oPhezulu)

Umnxeba: 021 487 1830

I-imeyile: aleroux@wcpp.gov.za

Gabalala:

Iwebhsaythi: www.wcpp.gov.za

I-imeyile: info@wcpp.gov.za

| | |
|---|---|
| Umnxeba: | 021 487 1600 |
| IDilesi yePosi: | PO Box 648 |
| | EKapa |
| | 8000 |
| IDilesi: | 7 Wale Sitalato |
| | EKapa |
| | 8000 |

**F. AMACHIZA AFUMANEKAYO NGOKUNGATHOBELI**

Ukuba akwanelisekanga ngesigqibo okanye ukufeda ukugqiba phantsi kwePAIA, ungenza oku kulandelayo:

- Faka isikhalazo kuMmiseli ngokwamacandelo 77A ukuya kwelama 77K ePAIA usebenzisa iifomu ezixeliweyo zikaMmiseli kwakunye nemigaqo. Jonga isikhokelo sePAIA kaMmiseli okanye iwebhasyathi kule nkqubo, amaxesha asikiweyo kunye needilesi.
- Faka isicelo enkundleni ukuze ufumane uncedo njengoko kubonelelwa kwiPAIA.

Qaphela: I-PAIA ayiboneleli ngesibheno sangaphakathi xa kusiziwa kwiWCPP.

UMmiseli woLwazi (uMzantsi Afrika)

Woodmead North Office Park, 54 Maxwell Drive, eWoodmead, eRhawutini 2191
Umnxeba: 010 023 5200
Umnxeba ofelefele: 0800 017 160
I-imeyile: enquiries@inforegulator.org.za
Iwebsaythi: https://www.inforegulator.org.za

**G. SIKHOKELO NGENDLELA YOKUSEBENZISA IPAIA NENDLELA YOKUFIKELELA KWISIKHOKELO**

- Ngokwecandelo 10(1) lePAIA, uMmiseli uhlaziye iSikhokelo sePAIA esiqulunqwe kwasekuqaleni yiKhomishoni yaMalungelo oLuntu yoMzantsi Afrika.
- Esi Sikhokelo siyafumaneka ngalo naluphi na ulwimi kwezintathu ezisemthethweni.
- Esi Sikhokelo siqulathe inkcaza yoku kulandelayo:
  - ✓ Imiba yePAIA.
  - ✓ Idilesi yeposi neyesitalato, inombolo yomnxeba neyefeksi kwaye, ukuba iyafumaneka, idilesi ye-imeyile yeIO yequmrhu ngalinye likarhulumente, kunye neDIO nganye yequmrhu likarhulumente kunye nelabucala.
  - ✓ Indlela kunye nefomu yesicelo sofikelelo kwirekhodi yequmrhu likarhulumente, kunye nofikelelo kwirekhodi yequmrhu labucala.
  - ✓ Uncedo olufumaneka kwiIO ngokwemigaqo yePAIA.

- ✓ Uncedo olufumaneka kuMmiseli ngokwemigaqo yePAIA.
- ✓ Isicelo enkundleni ngakwisigqibo seIO yequmrhu likarhulumente, isigqibo ngesibheno sangaphakathi, isigqibo soMmiseli okanye isigqibo sentloko yequmrhu labucala.
- ✓ Iimfuno zamaqumrhu karhulumente nawabucala ukuqulunqa incwadana, kunye nendlela yokufumana le ncwadana.
- ✓ Iimfuno zodizo lokuzithandela lwezintlu zeerekhodi ngamaqumrhu karhulumente nawabucala.
- ✓ Izaziso mayela nemirhumo ehlawulilweyo mayela nezicelo zofikelelo.
- ✓ Imigqaliselo.

- Uluntu lungahlola okanye lwenze iikopi zeSikhokelo felefele kwiiofisi zikaMmiseli ngexesha leeyure eziqhelekileyo zokusebenza.
- ISikhokelo singafumaneka kwakhona kwiwebhsaythi kaMmiseli.

  Iinkcukacha zoqhagamshelwano zikaMmiseli woLwazi:
  UMmiseli woLwazi (uMzantsi Afrika)
  Woodmead North Office Park, 54 Maxwell Drive, eWoodmead, eRhawutini 2191
  Umnxeba: 010 023 5200
  Umnxeba ofelefele: 0800 017 160
  I-imeyile: enquiries@inforegulator.org.za
  Iwebsaythi: https://www.inforegulator.org.za

## H. INDLELA YOKUFIKELELA KWIIREKHODI EZIPHETHWE YIWCPP

<u>INyathelo 1: Amanyathelo asekuqaleni</u>

- Qinisekisa ukuba irekhodi oyifunayo iphethwe okanye ilawulwa yiWCPP.
- Ukuba irekhodi ifumaneka ngokuzenzekelayo, yicele kwiIO.
- Khangela kwiwebhsaythi yeWCPP (wcpp.gov.za) irekhodi phambi kokwenza isicelo.

<u>INyathelo 2: Ifomu yesicelo</u>

- Ukuba akukwazi ukufumana irekhodi emva kwenyathelo 1, fumana ifomu yesicelo kwiwebhsaythi okanye kwiDIO.
- Ngenisa ifomu ezalisiweyo kwiIO.
- Ukuba ufuna uncedo ngefomu, buza kwiDIO.
- Ukuba wenza isicelo egameni lomnye umntu, quka ikopi yesigunyaziso sakhe ukuze ubenzele isicelo.

<u>INyathelo 3: Imirhumo</u>

- Imirhumo emibini ingahlawuleka phantsi kwePAIA:
  - ➢ UMrhumo weSicelo: Ukuba ucela ufikelelo kwirekhodi equlathe ulwazi olunenkcukacha zomntu, akuzi kufuneka ukuba uhlawule umrhumo wesicelo. Kuzo zonke ezinye izicelo, umrhumo uyahlawulwa, njengoko kuxeliwe kwiSihlomelo B seMigqaliselo ngokunxulumene kuKhuthazo loFikelelo kuLwazi, 2021 (iSaziso sikaRhulumente Nomb R 757 sowama27 Agasti 2021).

- Umrhumo wofikelelo: Ukuba isicelo sakho siyamkelwa, kuza kufuneka ukuba uhlawule umrhumo wofikelelo ngokuveliswa kwakhona kweerekhodi kwakunye nexesha elichithiweyo kukhangelwa kwaye kulungiselelwa zona ukuze zidakancwe.
- Le mirhumo ineenkcukacha kwiSihlomelo B seMigqaliselo ka2021.

- Ikopi yemirhumo, njengoko kuxeliwe kwiSihlomelo B seMigqaliselo yePAIA, iSaziso sikaRhulumente Nomb R 757, 2021 ingafumaneka kwiDIO okanye kwiwebhsaythi yeWCPP. Iifomu ezixeliweyo zikwafumaneka kwiwebhsaythi kaMmiseli woLwazi.

INyathelo 4: Ukusetyenzwa kwesicelo

- I-IO ineentsuku ezingama30 ukuvumela okanye ukwala isicelo, ukusilela ukwenza oku isicelo isicelo sibonakala njengesaliweyo sesicelo ngokwecandelo 27 lePAIA.
- I-IO iza kwazisa umfaki wesicelo ngesiphumo sesicelo.
- Ufikelelo kwirekhodi luza kuqheleka ukuba lunikezelwe apho umenzi wesicelo ethobela iimfuno zePAIA, kwaye:
  - Isicelo senziwa kwifomu exeliweyo ezaliswe ngokufanelekileyo.
  - Ubungqina obeneleyo begunya buyangeniswa apho isicelo sisenziwa egameni lomnye umntu.
  - Inkcaza efanelekileyo yerekhodi eceliweyo iyabonelelwa.
  - Imirhumo eyimfuneko iyahlawulwa.
  - Akukho mihlaba yokwala isicelo njengoko kubonelelwe oku kwiPAIA.

## I. IZINTLU ZEEREKHODI EZIPHETHWE YIWCPP

| Izihloko apho i-WCPP iphatha khona iirekhodi | Izintlu zeerekhodi eziphethwe kwisihloko ngasinye |
|---|---|
| IMicimbi yeeKomiti neyaMalungu | Iinkcukacha zaMalungu, abamelwe ngamalungu kunye noMgaqo wokuziPhatha.<br>Inkqubo yowiso-mthetho, ikhalenda yepalamente, amaphepha eNdlu, iintetho engobume bephondo kunye nemithetho esisigxina.<br>Ubulungu beekomiti ezisigxina namaxwebhu eekomiti.<br>Uwiso-mthetho, ukulandwa komkhondo wemithetho esayilwayo, kunye nopapasho. |
| Amaxwebhu eQhinga, izicwangciso neziphakamiso | Iingxelo zonyaka, izicwangciso-qhinga nezicwangciso zonyaka zomsebenzi. |

| | |
|---|---|
| Inkxaso yePalamente | Amaxwebhu aveliswe lulawulo, amaphepha oluhlu lwemicimbi, izaziso, imicimbi eza kwandlalwa neengxelo zekomiti.<br>Amaphepha emibuzo, iHansard kunye nemizuzu yeenkqubo. |
| Ubonelelo lothungelwano nolawulo lweeasethi | Iibhidi ezinikezelweyo/ezifunyenweyo/ezipapashiweyo, ulawulo lobonelelo lothungelwano nolwazi lwababoneleli. |
| Uboniswano loluntu | Ulwazi gabalala ngokumayela nomsebenzi weWCPP, kunye nopapasho.<br>Imfundo yoluntu, ucweyo lwezemfundo, intathonxaxheba yoluntu, izikhalazo neencwadi zokufunda.<br>Iindaba, iingxelo zamajelo eendaba kunye nobhaliso loqhogwano namajelo eendaba; kunye<br>Nombono, umnqophisi neentsulungeko, uqulunqo lwezopolitiko, imbali, kunye neempawu. |
| EzeMali | Iingxelo zonyaka zeWCPP. |
| ICandelo lezaBasebenzi | Imigaqo-nkqubo yeHR, imigaqo kunye nezithuba ezipapashiweyo, ukufunda nophuhliso lwezakhono, izicwangciso zoqeqesho, ubume beziko, umgaqo wokuziphatha, kunye nomfanekiso weenkcukacha zesitafu. |

**J. INKCAZA YEEREKHODI EZIFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO**

- Ngokuthe gabalala, ulwazi oludizwe okanye oluxoxwe kuyo nayiphi na ikomiti yeWCPP, (apho ezo nkqubo bezivuleleke kuluntu) okanye iinkqubo zeNdlu ze-WCPP, lufumaneka ngaphandle kwamathandabuzo, kwaye kungafuneki ukuba lucelwe ngokwemigaqo yePAIA.
- Ezi rekhodi ziyafumaneka kwiwebhsaythi yeWCPP, okanye kuhlolo eWCPP ngexesha leeyure eziqhelekileyo zokusebenza.
- Ezi rekhodi ziquka oku:

| ULuhlu | Uhlobo loxwebhu |
|---|---|
| UWiso-mthetho | Uwiso-mthetho, ukulandwa komkhondo wemithetho esayilwayo, iHansard, upapasho kunye neMithetho eSisigxina. |

| | |
|---|---|
| Imicimbi yaMalungu | Iinkcukacha zaMalungu, abamelwe ngamalungu kunye noMgaqo wokuziPhatha. |
| Imicimbi yeeKomiti | Inkqubo yowiso-mthetho, ikhalenda yepalamente, amaphepha eNdlu, iMithetho eSisigxina, ubulungu beekomiti ezisigxina iintetho ngemo yobume bephondo kunye namaxwebhu eekomiti. |

- Ezinye iirekhodi ezifumaneka ngokuzenzekela zezi zilandelayo:

| ULuhlu | Uhlobo loxwebhu |
|---|---|
| Amaxwebhu ezinikimaxabiso | Izinikimaxabiso ezipapashiweyo kunye namagama abaphumelele izinikimaxabiso. |
| Amaxwebhu eqhinga (izicwangciso neengxelo) | Umfanekiso weziko, iinkcukacha nemisebenzi; iingxelo zonyaka; izicwangciso-qhinga nezomsebenzi; kunye nesicwangciso sonyaka somsebenzi. |
| Imfundo yoluntu | Ucweyo lwemfundo yoluntu; intathonxaxheba yoluntu; izikhalazo kunye neencwadi zokufunda. |
| Iindaba | Iingxelo zamajelo eendaba; uboniswano lwaphakathi kweepalamente nezinye izindlu zowiso-mthetho njengelungu loMbutho weePalamente zaMazwe ayengaMathanga. |

- Ezi rekhodi ziyafumaneka kwiwebhsaythi yeWCPP, okanye thumela i-imeyile kwiDIO ukufumana ikopi.

## K. IINKONZO EZIFUMANEKA KULUNTU EZIPHUMA EWCPP NENDLELA YOKUFIKELELA KWEZO NKONZO

- ICandelo loLawulo: UBoniswano noLuntu luququzelela ubandakanyeko loluntu kwaye luyila iinkqubo zentathonxaxheba. Ezi ziquka iinkqubo zofikelelo lwezikolo, iPalamente yaManina, iPalamente yoLutsha kunye namanye amalinge amaninzi.
- ICandelo loLawulo: UBoniswano noLuntu kunganxityelelwana nalo kule nombolo yomnxeba 021 487 1600.
- Kwiwebhsaythi yeWCPP (wcpp.gov.za), jonga uVisit Parliament and Get Involved.

## L. INTATHONXAXHEBA YOLUNTU

- Abantu baseNtshona Koloni bayakhuthazwa ukuba babandakanyeke kwiinkqubo zeWCPP.
- Usenokuthi mhlawumbi ubandakanyeke kwiWCPP ngokuqaphela iinkqubo kwingxoxo-mpikiswano evulelekileyo kwiNdlu, okanye ngokuthabatha inxaxheba ebonakalayo kwinkqubo yokwenziwa komthetho kuqulunqo lowiso-mthetho ngexesha leenkqubo zobandakanyeko loluntu.
- Abantu baseNtshona Koloni bangaphinda bangenise isikhalazo kwiWCPP ngemiba enxulumene nolongamelo lukarhulumente wephondo.
- Kwiwebhsaythi yeWCPP (wcpp.gov.za), jonga uVisit Parliament and Get Involved.

## M. UKUSETYENZWA KOLWAZI LWESIQU SOMNTU

**Injongo yoku kusetyenzwa kolu lwazi**

- IWCPP isebenza ngolwazi lwesiqu somntu ukuzalisekisa isigunyaziso sayo sowiso-mthetho, esithi, ngokwecandelo 114 loMgaqo-siseko, kukuphumeza uwiso-mthetho, ukubonelela ngeqonga lengxoxo yoluntu, ukubandakanya uluntu kwinkqubo yokwenziwa komthetho nokongamela imisebenzi yesigqeba sephondo.

**Izintlu zezihloko zolwazi kunye nolwazi lwabo lwesiqu somntu olunokusetyenziswa**

- I-WCPP ingasebenza iirekhodi ezinxulumene neendwendwe kwiWCPP, amalungu oluntu azimase umanyelo-zimvo zoluntu, ababoneleli ngeenkonzo, abacebisi, kunye nabenze izicelo zomsebenzi.

| IZintlu zeZihloko zoLwazi | Ulwazi lwesi somntu esinokusetyenzwa |
|---|---|
| Iindwendwe eziza eWCPP | Igama nefani, iinkcukacha zoqhagamshelwano (inombolo yomnxeba, inombolo yefeksi kunye nedilesi ye-imeyile), idilesi yokuhlala neyeposi kunye nenombolo yesazisi (okanye eyencwadi yokundwendwela). |
| Abaqeshwa, abacebisi kunye nabenzi bezicelo zomsebenzi | Igama nefani, isini, ukukhulelwa, utshatile okanye akutshatanga, uhlanga, ubudala, ulwimi, ubuzwe, ukhubazeko, iziqinisekiso zezifundo, ubulungu bezobungcali, ekunokubhekiswa kubo, iinkcukacha zebhanka, inombolo yesazisi, idilesi ubani ahlala kuyo kunye neyeposi, iinkcukacha zoqhagamshelwano (inombolo yomnxeba, inombolo yefeksi nedilesi ye-imeyile), ulwazi lwezimali, imbali yolwaphulomthetho, ulwazi lwamatyala (kwizikhundla ezayamene nezimali), ulungelelwaniso kwezengqesho kunye nempilontle yengqondo. |
| Abathabathinxaxheba kumanyelo-zimvo zoluntu | Igama nefani, iinkcukacha zoqhagamshelwano (inombolo yomnxeba, inombolo yefeksi kunye nedilesi ye-imeyile), idilesi yokuhlala neyeposi kunye nenombolo yesazisi. |

**Abazuzi okanye izintlu zabazuzi ulwazi lwesiqu somntu olungabonelelwa kubo**

- I-WCPP ingabonelela ngolwazi lwesiqu somntu lwesihloko solwazi kwaba bantu balandelayo njengenxalenye yokuqhuba izigunyaziso zayo zezomthetho.

| Izintlu zolwazi lwesiqu somntu | Abazuzi okanye izintlu zabazuzi |
|---|---|
| Inombolo yesazisi kunye namagama ukuze kuhlolwe ulwaphulomthetho | IiNkonzo zaMapolisa oMzantsi Afrika |
| Iziqinisekiso zezifundo emazingqinisiswe | IGunyabantu leZiqinisekiso loMzantsi Afrika |
| Ulwazi lwamatyala lwabenzi bezicelo zomsebenzi kwizikhundla zezemali | Amaqumrhu amatyala oMzantsi Afrika |
| Iinkcukacha zengxowamali yomhlalaphantsi zomqeshwa | INgxowamali yoMhlalaphantsi yaBaqeshwa bakaRhulumente |
| Iinkcukacha zerhafu zomqeshwa | IiNkonzo zeRhafu zoMzantsi Afrika |

**Inkcaza gabalala ngolwazi lwamanyathelo ezokhuseleko**

- I-WCPP iqhuba iseka kwaye igcina amanyathelo afanelekileyo, aqiqileyo ezobuchwepheshe naweziko ngokuthabatha amanyathelo ukuthintela oku:
  - ilahleko, ulonakaliso okanye utshabalaliso olungagunyaziswanga lolwazi lwesiqu somntu; kunye
  - nofikelelo okanye usetyenzo olungekho mthethweni lolwazi lwesiqu somntu.
- I-WCPP ithabathe amanyathelo afanelekileyo ukwenza oku:

- ukuchonga ngokuqiqileyo imingcipheko eqikelelekayo yangaphakathi neyangaphandle kulwazi lwesiqu somntu olukuyo okanye oluphantsi kolawulo lwayo;
- ukuseka nokugcina ukhuseleko olufanelekileyo ngakwimingcipheko echongiweyo;
- ingqinisisa rhoqo ukuba ukhuseleko luqaliswa ngokufanelekileyo; kwaye
- iqinisekisa ukuba ukhuseleko luhlaziywa rhoqo ukuphendula kwimingcipheko okanye iziphene ezitsha kukhuseleko oluqaliswe ngaphambili.

- Amanyathelo athatyathwe yiWCPP aquka, phakathi kwezinye:
  - ulawulo lofikelelo;
  - ukukhusela ukungenwa kulwazi ngokungekho mthethweni;
  - amanyathelo athintelayo;
  - izakhono zophononongo nokunika ingxelo;
  - inkxaso yokunqanda ukulahleka kolwazi;
  - izisombululo ezilwisana netsholongwane nobuxhakaxhaka bekhompyutha;
  - iinkqubo zokwaziswa komsebenzisi nezokuvundla;
  - uqinisekisa ukungena kubuxhakaxhaka bekhompyutha ngumsebenzisi; kunye
  - nezivumelwano ekungenwe kuzo kunye nababoneleli ngeenkonzo ukuqalisa ulawulo lwezokhuseleko.

## N. UKUFUMANEKA KWENCWADANA

Ikopi yale ncwadana ifumaneka ngolu hlobo:

- kule webhsaythi: www.wcpp.gov.za;
- eWCPP kuhlolo loluntu ngexesha leeyure eziqhelekileyo zokusebenza; kunye
- nakuye nabani na ngesicelo nasemva kwentlawulo yomrhumo ofikelelekayo oxeliweyo.

Umrhumo wekopi yencwadana (njengoko kucingelaka kwiSihlomelo B semigqaliselo yePAIA, iSaziso sikaRhulumente Nomb. R. 757, 2021) uyahlawulwa ngekopi nganye eshicilelweyo engumlinganiselo kaA4 eyenziweyo.

## O. IIREKHODI EZINGENAKHO UKUFUMANEKA OKANYE EZINGEKHOYO

Abafaki bezicelo banelungelo lokufumana impendulo ngendlela yesiqinisekiso esisemthethweni apho iirekhodi ngesizathu zingenakho ukufunyanwa, kodwa apho umfaki wesicelo ebenakho ukuba nalo ufikelelo xa irekhodi ibifumaneka.

Abafaki bezicelo banelungelo lokufumana impendulo ngendlela yesiqinisekiso esisemthethweni apho iirekhodi zingekho.